Isaziso soMpostile wesithili uKriel nge NACTV, 07 Juni 2020

Intshayelelo

Esi saziso sisebenza njengolwazi kumalungu ethu eMzantsi Afrika, Lesotho, Botswana, eSwatini & Namibia

Okokuqala, ndinqwenela ukubulela bonke abasebenzi bethu abame ngaphambili abalwa isifo nabo bathe benza eli xesha lokuvaleleka laba nokuthwaleka kuthi. Enkosi kubo bonke abemi abathe bathobela imigaqo banxiba izifonyo, bahlamba izandla rhoqo baza basebenzisa ukumela kude komnye. Intsholongwane iza kuhlala kunye nathi. Nathi masifunde ukuphila kunye nentsholongwane.

Siyaqhubekeka ukuthandaza ukuba ichiza lingafumaneka msinya. Kude kube ngoko, ukukhusela ukusasazeka yimpendulo enqwelekayo. Ukuba omnye uya kwenza oku, sonke sakuba ngcono.

Amazwi ombulelo

Ndinqwenela ukukwenza uENKOSI okhethekileyo kwabaninzi abathe bakhathalela abo banezidingo. Ngalo eli xesha, uxhaso lwasengqondweni novakalelo lubalulekile njengokunika isixhaso somzimba lwasendalweni. Abaninzi ngamalolo, abaninzi abanaluxhaso lwemvakalelo kwaye kufuneka baqubisane noxinezelelo sesifo logama bengamalolo ekuhlaleni.

Enkosi kubazali, ootitshala besiKolo seCawa kunye neenkokheli abenza konke okusemandleni abo ukunikezela izixhobo zokufunda kubantwana bethu kwilinge lokufunda ekhaya. Okokuqala ukuba izixhobo zifumaneke kuzo zonke iilwimi ezisetyenziswa ebandleni lethu

Abantu abatsha bayaqhubekeka ukongeza ixabiso nokuxhasana kweli xesha.

Iinkokheli zomculo ziqhubekekile ukugcina abaculi besebenza kweli xesha. Zinikezela uvuyo kubo bonke

Siyabulela kuwo onke amaqabane ethu osasazo abasivumeleyo ukusasaza iinkonzo zethu zubungcwalisa. Kuyo naluphina usuku lweCawa sifikelela kumakhulu amawaka abathabathi nxaxheba kusasazo nge Internet, satellite, unomathotholo, nangemfonomfono.

Ndiyabulela ngokwenyaniso kubasebenzi baseziofisini abajike amakhaya abo abazindawo ezintsha zokusebenzela. Enkosi kwiintsapho zabo ngokunjalo, ngalendlela intsha yokusebenza logama sise kulengxaki yentsholongwane yeCorona. *Ndiya cinga ukuba sonke sisebenza nzima ngeli xesha…* Sikwinqanaba lokugqibela lonyaka lokuphenywa kweencwadi lomzi wophenyo zincwadi uDeloittes kwaye kulonyaka ibe kokokuqala ukuba sifumane uphenyo ngonxibelelwano lwekomputa. Enkosi kubo bonke ekufuneke bahambe umgama othe chatha.

Ukuqalisa kwakhona kweeNkonzo zobuNgcwalisa

Sonke siyazi ukuba iNkulumbuso yoMzantsi Afrika yazise ukuba imibutho yezonqulo inelungelo lokuhlanganela iinkonzo zamabandla ukusukela ngomhla we 1 kuJuni 2020 phantsi kwemiqathango ethile. Le miqathango iquka:

- Utyelelo olungekho ngaphezu kwabantu abayi 50
- Ukuhlolwa kobushushu kwinkonzo ngaye
- Imibuzo omawuyiphendule ngezempilo ekungeneni enkonzweni
- Uthanjiso lwezandla ngesibulala ntsholongwane lwamalungu
- Ukunxitywa kwesifonyo sobuso
- Akukho qela liza kucula
- Akukho kuchukumisa & nokubekwa kwezandla
- Uqaphelo lomgcipheko xa kuthe kwakho urhalelo

Emva kwengxoxo ezininzi, siye sagqiba ukuba sidinga ukuhlangabezana nokubuyela kwiinkonzo zobungcwalisa ngenkathalo enkulu. Kufuneka silumke ukuba singachithi yonke imibingelelo yabaninzi abethe bayenza kude kube ngoku. Ubunyani kwezonyango zalatha ukwanda kosuleleko namaqondo okufa. Iingingqi ezinamanani aphezulu zabemi zikwaziingingqi ezineqondo eliphezulu leCOVID-19.

Ngako oku sele kuchaziwe ngasentla, ndiye ndagqiba kunye nabaPostile nabaVeleli ukuba asizokubuyela kwiinkonzo zobungcwalisa ngoJuni noJulayi ka 2020. Oku akuthethi ukuba siyakubuyela ngoAgasti. Siya kuyihlola imeko size sinichazele.

Siya kulisebenzisa eli xesha ukulungiselela iinkonzo zethu nokulolonga iinkokheli ukuze sikwazi ukuthobela ZONKE iimfuno zaseburhulumenteni.

Iinkonzo zobungcwalisa zemingcwabo

Yonke le mithetho ingasentla esebenza kwinkonzo yobungcwalisa ikwasebenza nakwimingcwabo. Apho ndiyakuthanda ukucebisa ukuba makumenywe inani elincinci kangangoko ninako. U 50 asilonani emakufikelelwe kulo kodwa bubuninzi. Kwiintsuku ezimbalwa ezidlulileyo sibe neziganeko zamalungu atyelele imingcwabo enosuleleko lweCOVID-19. Oku kube neziphumo zoxinezelelo olukhulu kwabanye abatyeleleyo, inkonzo kwafuneka ingenelele ekuphandeni nakwinnkqubo yokucoca kwaye namagosa ezempilo nawo akwinkqubo yokukhangela bonke abatyeleli ukuze banqande ukusasazeka. Kwiziganeko ezingentla amalungu ayengabonisi naziphina iimpawu. Ngeli xesha, yonke imingcwabo ivumelekile ukuba ingasasazwa – ncedani nisebenzise esi sindululo.

Logama ndithetha ngemingcwabo; isikhumbuzo sokuba ukuqokelelwa kwemali yokungcwaba yonyaka ifikelela esiphelweni nge 30 Juni 2020.

Ungalindela ntoni ngelixesha?

1. Siyakuqhubekeka ukusasaza iinkonzo zobungcwalisa eKapa naseRhawutini njengoko besisenza njalo ukusukela ekuqaleni kokuvaleleka. Siyazandisa iilwimi zonikezelo ukuze umntu ngamnye abe nethuba lokuva ilizwi likaThixo ngolwimi lwakhe lwasekhaya. Okwangoku, kusekho amalungu esingakwazi ukufikelela kuwo ngala manqwanqwa akhoyo osasazo. Siya kulisebenzisa eli xesha ukuphononononga zonke iindlela ukuqinisekisa ukuba akukho bani ushiywa ngaphandle. Siyazama ukuqinisekisa ukuba onke amalungu afumana izishwankathelo zeenkonzo zethu zobungcwalisa ngeli xesha. Apha ndinqwenela ukunikhumbuza nihlaziye ii-email address neenombolo zeminxeba yenu ukuze nizuze lonke unxibelelwano lwenkonzo.

   Njengoko kwazisiwe ngaphambili, siseke ikomiti kazwelonke enikwe uxanduva lokucebisa kuzo zonke iinkalo zokubuyela kwethu kwizimiselo zenkonzo. Basebenze ngokuzimisela kwiiveki ezimbalwa ezidlulileyo kwaye banika ingxelo iveki neveki kwintlanganiso yabaPostile nabaVeleli. Iinkcukacha zemilinganiselo efunekayo kwibandla ngalinye kwakunye nololongo lweenkokheli zethu kuya kwabelwana ngalo nabaPhathi benu bamabandla.

2. Omnye umthetho obekwe yiNkulumbuso ngokuphathelene neenkokheli zamabandla kukugunyaziswa njengabasebenzi abenza umsebenzi obalulekileyo. Siyawamkela lo mthetho. Lo mthetho ngokunjalo usebenza eMzantsi Afrika kuphela.

   KwiBandla eliTsha lobuPostile eMzantsi Afrika, sonke isikhonzo sobuBingeleli esisebenzayo zigunyaziswe njengabasebenzi abenza umsebenzi obalulekileyo. Oku akuthethi ukuba bazakwenza utyelelo emakhaya ngokweziqu. Ukuba kukho ungxamiseko lwasebumoyeni elungenakusombululeka nangaluphina uhlobo lonxibelelwano, oku kuyamvumela umbingeleli abe nonxibelelwano namalungu akhe.

   Imithetho esebenzayo emabandleni iya kusebenza kubabingeleli kuquka isibulali zintsholongwane, isifonyo sobuso nomgama wokuhlangana.

   IiSakramente neeNtsikelelo

   UBhaptizo oluNgcwele – aluvumelekanga ekhaya okanye ezinkonzweni kwaye liyakwenzeka xa umthetho usivumela.

   UTywino oluNgcwele - aluvumelekanga ekhaya okanye ezinkonzweni kwaye liyakwenzeka xa umthetho usivumela.

   UMthendeleko oNgcwele – Njengoko kukho ukwenyuka kosasazeko lweCOVID-19, asisayi kubanako ukuwubhiyozela uMthendeleko oNgcwele ngeli xesha.

   Sonke sinqwenela ukubhiyozela uMthendeleko oNgcwele. Abo balindele ubhaptizo noTywino oluNgcwele lwabantwana babo, ndinqwenela ukubathuthuzela ngokubaqinisekisa ukuba uThixo wethu uyayazi imeko yethu. Ubabalo lwaKhe nothando lukaYesu luyakusigquma.

   Izenzo zentsikelelo

   Iintsikelelo zemitshato, izikhumbuzo zemitshato, intsikelelo yesiqhamo nazo zonke izenzo zentsikelelo azivumelekanga ngeli xesha.

Kwabo banqwenela ukwenza umtshato wabo ngokwasemthethweni, banako ukwenza oko ekhaya okanye enkonzweni namagosa okutshatisa akwingingqi zabo. EMzantsi Afrika, ummiselo ngowabantu ubuninzi aba 5 (igosa lokutshatisa, abatshathi kwakunye namangqina amabini).

3. Iminikelo

Ndiyakuthanda ukusebenzisa eli thuba ndibulele bonke abo baqhubekekayo ukunikela ngokunyanisekileyo phantsi kwezi meko zovavanyo olukhulu.
Siyaqonda ukuba uninzi lwamalungu ethu, ukunikela ngemali akukwazi ukwenzeka. Abanye babhenele kumnikelo wezobuchwephetshe. Niya nikhumbuza kwakhona, ukuba oku kokona kukhethwa yinkonzo ngoba isusa umngcipheko wokhuseleko lokuthwala nokuphatha imali.

Ukuphendula kumalungu ethu athanda ukuzisa iminikelo yawo kodwa engakwazi ukusebenzisa ubuchwephetshe, ndiyavuya ukunazisa ukuba sibe nako ukusebenzisana neendawo apho kukho uphawu lukaEasy Pay. Ngoku aya kubanako amalungu ukufaka iminikelo yawo kwindawo ezingaphezu kwe 9,500 eMzantsi Afrika uphela.

AbaPhathi mabandla benu nabaBingeleli baya kufumana imbalelwano ngendlela yokusebenzisa olu hlobo. Ngokulula, unako ukufaka umnikelo wakho kwiindawo ezininzi zoludwe lweevenkile eMzantsi Afrika (ngelishwa oku akufumaneki eBotswana, Swatini, Lesotho, Mozambique, naseNamibia). Ndiya kuqonda oku lutshintsho olukhulu kuthi. Sihleli kwimfundiso yokuba iminikelo yethu ziziqhamo zombulelo wethu kuThixo; kwaye sisibonakaliso sokholo nokumthemba. Kwabo banethuba elilinganisiweyo lokufaka imali ngobuchwephetsha, le ndlela iyakhuthazwa njengoko ukuphatha imali kunomngcipheko wokusasaza iCOVID-19.

Abo bazifumanisa bekwimeko yelishwa apho bengenako ukuzisa iminikelo okanye bengesakwazi ukunikela ngaso nasiphina isizathu. Ndifuna ukususa naluphina uvakalelo lwesazela onokuba unaso.

Nceda wazi ukuba sithandaza yonke imihla ukuba imeko yakho ibe ngcono.
INkosi iyayazi intliziyo yakho kwaye isandla saYo asizange sibe sifutshane ukuze ikusikelele.

4. Iimali zeNkonzo

Inkonzo yenza ingeniso yayo kwiminikelo enyanisekileyo yabantu bakaThixo. Yinyaniso into yokuba ingeniso yenkonzo yehle ngokubonakalayo kwezi nyanga zimbalwa zidlulileyo.

Ndinako ukuqinisekisa ukuba sicuthe zonke iincitho zethu zokusebenza kangangokuba bonke abasebenzi benza ubingelelo ngomvuzo namalungelo.

5. Izaziso

Inkonzo yeNtloko yabaPostile – ngomhla we 14 Juni ngentsimbi ye 09h00, eStrasbourg eyenzelwe iZambia – iyakubanjwa ngesiNgesi.

Ngomhla we 21 Juni 2020, uMpostile uNene uyakubamba inkonzo yobungcwalisa eSilvertown. Le nkonzo yobungcwalisa iyakubanjwa ngesiXhosa ize iguqulelwe kwisiNgesi.

Ngomhla we 28 Juni 2020, uMpostile uSwartbooi uyakubamba inkonzo yobungcwalisa eSandton. Le nkonzo yobungcwalisa iyakubanjwa ngesiBhulu (Afrikaans) ize iguqulelwe kwisiNgesi.

Ndiya kunikhonza ngomhla we 5 kaJulayi 2020. Emva kwalo nkonzo yobungcwalisa ndakunazisa ngezicwangciso zethu zokubuyela kwinkonzo emabandleni.